



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2015

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:

80 emizuzu kwiCANDELO A
40 emizuzu kwiCANDELO B
30 emizuzu kwiCANDELO C
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Ulutsha. [50]
- 1.2 Impumelelo sisitshixo sobomi. [50]
- 1.3 Utat' uMandela usisinyanya esizweni siphela. [50]
- 1.4 Abantu abadala mabangabaphileli abantwana. [50]
- 1.5 Ekunyamezeleni kukho umvuzo. [50]
- 1.6 Iinjongo zam zeminyaka elishumi ezayo. [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthatyathwe ku-complexneeds.org.uk wahlelwa]

[50]

1.7.2



[Uthatyathwe [ku-www.googlepics.com](http://www.googlepics.com) wahlelwa]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhala ileta eya kutatomncinci wakho ophesheya umbalisele ngesihikahika somtshato kadade wenu.

[30]**2.2 IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yemvumi edumileyo.

[30]**2.3 INGXELO ESESIKWENI**

Bhala ingxelo ngomnyhadala womculo weekwayara ebeniye kuwo.

[30]**2.4 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kwakho nomzali, malunga nokuziphatha kolutsha kule mihla.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela).

3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Bhala isibhengezo-ntengiso esimalunga nentengiso yekhompuyutha. **[20]**

3.2 UNGENISO LWEDAYARI

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezintlanu, unike amava owafumeneyo xa ubuthunyelwe ePalamente kwiphondo lakho. **[20]**

3.3 IMIYALELO

Bhala imiyalelo emalunga nokuziphatha kakuhle kwabafundi bebanga leshumi. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100